

Government Gazette Staatskoerant

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA
REPUBLIEK VAN SUID-AFRIKA

Vol. 535 Cape Town, 27 January 2010
Kaapstad, 27 Januarie 2010

No. 32910

THE PRESIDENCY

No. 44 27 January 2010

It is hereby notified that the President has assented to the following Act, which is hereby published for general information:—

No. 22 of 2009: National House of Traditional Leaders Act, 2009.

OFISI KAMONGAMELI

Ino. 44 27 January 2010

Esi sisaziso sokuba uMongameli uwamkele lo mthetho ulandelayo nonikezelwa kuluntu jikelele kolu xwebhu:—

Ino. 22 ka 2009: nguMthetho weNdlu yeeNkokheli zeMveli yeSizwe, 2009.

*(English text signed by the President.)
(Assented to 26 January 2010.)*

ACT

To provide for the establishment of the National House of Traditional Leaders; to determine the powers, duties and responsibilities of the House; to provide for support to the House by government; to provide for the relationship between the House and the provincial houses; to provide for the accountability of the House; and to provide for matters connected therewith.

PREAMBLE

WHEREAS the Constitution of the Republic of South Africa, 1996, recognises the institution, status and role of traditional leadership according to custom and customary law;

AND WHEREAS the Constitution of the Republic of South Africa, 1996, provides that national or provincial legislation may provide for the establishment of houses of traditional leaders to deal with matters relating to traditional leadership, the role of traditional leaders, customary law and the customs of communities observing a system of customary law;

AND WHEREAS the Constitution of the Republic of South Africa Act, 1993 (Act No. 200 of 1993), for the first time in the history of South Africa, provided for the enactment of the Council of Traditional Leaders Act, 1994 (Act No. 31 of 1994), which was repealed in 1997 and replaced by the National House of Traditional Leaders Act, 2000 (Act No. 20 of 2000);

AND WHEREAS from 1994, provinces passed provincial legislation providing for the establishment of provincial houses of traditional leadership;

AND WHEREAS in 2003 the government adopted the White Paper on Traditional Leadership and Governance which provides for another layer of houses of traditional leadership at a district municipal level;

AND WHEREAS the vision of government enunciated in the 2003 White Paper on Traditional Leadership and Governance necessitates the alignment of legislation establishing the National House of Traditional Leaders with the principles of non-sexism, co-operative governance between the houses, nation building, unity and peace among the houses and traditional communities as well as enhancing traditions and culture,

BE IT THEREFORE ENACTED by the Parliament of the Republic of South Africa, as follows:—

ARRANGEMENT OF SECTIONS

Sections

1. Definitions
2. Establishment of House

(English text signed by the President.)
(Assented to 26 January 2010.)

UMTHETHO

Ukubonelela ngokusekwa kweNdlu yeeNkokheli zeMveli yeSizwe; ukumisela amagunya, imisebenzi, izinto ekufanele zenziwe kunye neemfanelo zeNdlu; ukubonelela ngenkxaso kukaRhulumente kwiNdlu; ukubonelela ngobudlelwane phakathi kweNdlu kunye nezindlu zamaphondo; ukubonelela ngokunika iimpendulo kweNdlu; kunye nokubonelela ngemicimbi enxulumene nayo.

ISINGENISO

NJENGAKUBA uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996, uliqonda iziko, isimo, kunye nendima yobunkokheli bemveli ngokwezithethe noMthetho wesintu;

KUNYE NANJENGAKUBA uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996, ubonelela ngokuba uMthetho wesizwe nowamaphondo ube nokubonelela ngokusekwa kwezindlu zeenkokheli zemveli ukuba zisebenze ngemicimbi enxulumene nobunkokheli bemveli, indima yeenkokheli zemveli, uMthetho wesintu kunye nezithethe zoluntu olusebenzisa inkqubo yoMthetho wesintu;

KUNYE NANJENGAKUBA uMthetho woMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1993 (uMthetho Nomb. 200 we-1993), okokuqala kwimbali yoMzantsi Afrika, ubonelela ngokuwisa koMthetho weBhunga leeNkokheli zeMveli, 1994 (uMthetho Nomb.31 ka-1994), owaye warhoxiswa ngowe-1997 kwaze endaweni yawo kwangena uMthetho weNdlu yeSizwe yeeNkokheli zeMveli, 200 (uMthetho Nomb.20 ka-2000);

KUNYE NANJENGAKUBA ukusukela ngowe-1994, amaphondo aphumeza uMthetho wamaphondo obonelela ngokusekwa kwezindlu zamaphondo zobunkokheli bemveli;

KUNYE NANJENGAKUBA ngowe-2003 urhulumente wamkela iPhepha leNgcaciso Nkqubo kubuNkokheli beMveli noLawulo elibonelela ngomnye umaleko wezindlu zobunkokheli bemveli kwinqanaba lesithili sikamasipala;

KUNYE NANJENGAKUBA umbono karhulumente wacacisa kwiPhepha leNgcaciso Nkqubo kubuNkokheli beMveli noLawulo lisenza ukuba kube yimfuneko ukulungelelanisa uMthetho oseka iNdlu yeeNkokheli zeMveli yeSizwe nemithetho-siseko yokungacaluli ngokwesini, ulawulo lwentsebenziswano phakathi kwezindlu, ukwakhiwa kwesizwe, umanyano noxolo phakathi kwezindlu kunye noluntu lwemveli ngokunjalo nokuphakamisa izithethe nenkcubeko,

KE NGOKO KE UYAWISWA yiPalamente yeRiphabliki yoMzantsi Afrika njengoku kulandelayo:—

ULUNGISELELO LWAMACANDELO

Amacandelo

1. Iinkcazelo
2. Ukusekwa kweNdlu

Act No. 22, 2009

NATIONAL HOUSE OF
TRADITIONAL LEADERS ACT, 2009

| | | |
|-----|--|----|
| 3. | Composition of House | |
| 4. | Election of members to House | |
| 5. | Qualification for membership of House | |
| 6. | Vacation of seats | |
| 7. | Filling of vacancies | 5 |
| 8. | Seat and meetings of House | |
| 9. | Chairperson and Deputy Chairperson of House | |
| 10. | Status of members of House | |
| 11. | Powers and duties of House | |
| 12. | Administration of House | 10 |
| 13. | Responsibilities of House | |
| 14. | Relationship between House and kings and queens | |
| 15. | Relationship between House and provincial houses | |
| 16. | Support to House | |
| 17. | Accountability of House | 15 |
| 18. | Privileges and immunities of members of House | |
| 19. | Remuneration and benefits to member of House | |
| 20. | Rules, orders and committees of House | |
| 21. | Dissolution of House | |
| 22. | Oath or affirmation by members of House | 20 |
| 23. | Code of conduct | |
| 24. | Regulations | |
| 25. | Repeal of laws and transitional provisions | |
| 26. | Short title | |

SCHEDULE A 25**REPEAL OF LAWS****SCHEDULE B****OATH OR AFFIRMATION BY MEMBERS OF HOUSE****SCHEDULE C****CODE OF CONDUCT** 30**Definitions**

1. In this Act, unless the context indicates otherwise—
- “**code of conduct**” means the code of conduct contained in Schedule C;
- “**Department**” means the national department responsible for traditional leadership matters; 35
- “**Framework Act**” means the Traditional Leadership and Governance Framework Act, 2003 (Act No. 41 of 2003);
- “**House**” means the National House of Traditional Leaders established by section 2;
- “**king or queen**” means a person recognised as such in terms of section 9 of the Framework Act; 40
- “**local house**” means a local house as established in terms of section 17 of the Framework Act, and “**local houses**” has a corresponding meaning;
- “**member**” means a member of the House elected in terms section 4;
- “**Minister**” means the Minister responsible for traditional leadership matters; 45
- “**prescribe**” means prescribed by regulation in terms of section 24;
- “**provincial house**” means a provincial house of traditional leaders established in terms of applicable provincial legislation, and “**provincial houses**” has a corresponding meaning;
- “**rules and orders**” means rules and orders of the House as provided for in section 20; 50
- “**Secretary**” means the Secretary of the House appointed in terms of section 12;

NGUMTHETHO WENDLU YEENKOKHELI
ZEMVELI YESIZWE, 2009

Act No. 22, 2009

| | | |
|-----|--|----|
| 3. | Ukwakhiwa kweNdlu | |
| 4. | UkuKhethwa kamaLungu eNdlu | |
| 5. | Ukufaneleka kwamaLungu eNdlu | |
| 6. | Ukuphuma ezihlalweni | |
| 7. | Ukugcwaliswa kwezithuba | 5 |
| 8. | Ukuhlala neentlanganiso zeNdlu | |
| 9. | USihlalo noSekela-sihlalo weNdlu | |
| 10. | Isimo samaLungu eNdlu | |
| 11. | Amagunya nemisebenzi yeNdlu | |
| 12. | Ulawulo lweNdlu | 10 |
| 13. | Iimfanelo zeNdlu | |
| 14. | Ubudlelwane phakathi kweNdlu kunye neekumkani neekumkanikazi | |
| 15. | Ubudlelwane phakathi kweNdlu kunye nezindlu zamaphondo | |
| 16. | Inkxaso kwiNdlu | |
| 17. | Ukuthatha uxanduva kweNdlu | 15 |
| 18. | Amalungelo awodwa kunye nokukhululwa kwamaLungu eNdlu | |
| 19. | Imivuzo namalungelo amaLungu eNdlu | |
| 20. | Imithetho, imiyalelo kunye neekomiti zeNdlu | |
| 21. | Ukupheliswa kweNdlu | |
| 22. | Isifungo okanye isiqiniseko ngamaLungu eNdlu | 20 |
| 23. | Ikhawudi yokuziphatha | |
| 24. | Imimiselo | |
| 25. | Ukurhoxiswa kwemithetho kunye neziqendu zotshintsho | |
| 26. | Isihloko esifutshane | |

ISHEDYULI A 25

UKURHOXISWA KWEMITHETHO

ISHEDYULI B

ISIFUNGO OKANYE ISIQINISELO NGAMALUNGU ENDLU

ISHEDYULI C

IKHOWUDI YOKUZIPHATHA 30

IiNkcazelo

1. Kulo Mthetho, ngaphandle kokuba umxholo ukhombisa ngenye indlela-
“ikhowudi yokuziphatha” ithetha ikhowudi yokuziphatha equlethwe
 kwiShedyuli C;
“uMgaqo-siseko” uthetha uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika; 1996; 35
“iSebe” lithetha isebe elingundlunkulu eyiyimfanelo yalo imicimbi yobunkokheli
 bemveli;
“uMthetho weNkqubo-sikhokelo” uthetha uMthetho wobuNkokheli beMveli
 neNkqubo-siKhokelo yoLawulo, 2003 (uMthetho Nomb.41 ka-2003);
“iNdlu” ithetha iNdlu esekwe ngokwemigqaliselo yecandelo lesi-2; 40
“ikumkani okanye ikumkanikazi” ithetha umntu owaziwa ngolo hlobo
 ngokwemigqaliselo yecandelo le-9 loMthetho weNkqubo-sikhokelo;
“Indlu yengingqi” ithetha indlu yengingqi esekwe ngokwemigqaliselo yecandelo
 le-17 loMthetho weNkqubo-sikhokelo, kwaye **“izindlu zengingqi”** 45
 zinentsingiselo engqinelana noko;
“ilungu” lithetha ilungu leNdlu elonyulwe ngokwemigqaliselo yecandelo lesi-4;
“uMphathiswa” uthetha uMphathiswa eyiyimfanelo yakhe imicimbi
 yobunkokheli bemveli;
“ukumisela” kuthetha okumiselwe ngummiselo ngokwecandelo lama-24;
“indlu yephondo” ithetha indlu yephondo yeenkokheli zemveli esekwe 50
 ngokwemigqaliselo yoMthetho wephondo osebenzayo, kwaye **“izindlu
 zamaphondo”** zinentsingiselo engqinelanayo;
“imithetho nemiyalelo” ithetha imithetho nemiyalelo yeNdlu njengoko
 ibonelelwe kwicandelo lama-20;

“**senior traditional leader**” means a senior traditional leader defined in section 1 of the Framework Act;

“**this Act**” includes any regulations made under section 24;

“**traditional council**” means a traditional council defined in section 1 of the Framework Act; and

“**traditional leader**” means a traditional leader defined in section 1 of the Framework Act.

5

Establishment and term of office of House

2. (1) There is hereby established a house of traditional leaders to be known as the National House of Traditional Leaders.

10

(2) The term of the House is five years.

(3) Notwithstanding the dissolution of the House in terms of section 21—

(a) every person who on the date of the dissolution of the House is a member remains a member of the House;

(b) the House remains competent to function; and

15

(c) the Minister may summon the House to an extraordinary meeting for the dispatch of urgent business,

during the period following such dissolution until the day before the first meeting of the next House.

Composition of House

20

3. (1) The House consists—

(a) of three persons who are senior traditional leaders elected by each provincial house: Provided that where on good grounds shown or due to an insufficient number of senior traditional leaders in a provincial house, such provincial house may elect headmen or headwomen.

25

(b) where relevant, of persons identified in terms of subsection (2).

(2) The provisions of subsection (1)(b) apply only in cases where a provincial house has not been established, and will be implemented as follows:

(a) Where there are more than three traditional councils performing functions of a local house, the chairpersons of such councils must elect from amongst themselves three representatives to the House; or

30

(b) where there are three or a lesser number of traditional councils performing functions of a local house, the chairpersons of such traditional councils must be ex officio members of the House; or

(c) where there are one or more local houses, the senior traditional leaders from within the province must elect from amongst themselves three representatives to the House.

35

(3) The chairperson of a traditional council or a local house referred to in subsection (2) must be a senior traditional leader, and if he or she is not a senior traditional leader the traditional council or the local house concerned must elect another member who is a senior traditional leader.

40

(4) At least a third of the members of the House must consist of women: Provided that if the Minister is satisfied that there is an insufficient number of women to participate in the House the Minister must, after consultation with the Premier of the province in question and the provincial house concerned, determine a lower threshold.

45

Election of members to House

4. (1) The Minister must, within 30 days before the expiry of the term of the House, request the Premiers to notify provincial houses to, subject to section 3, conduct elections for members to serve in the House.

(2) The members of a provincial house that are to serve in the House must be elected, within 21 days after having received the notice from the Premier in terms of subsection

50

- “uNobhala” uthetha uNobhala weNdlu owonyulwe ngokwemigqaliselo yecandelo le-12;
- “inkokheli yemveli ephezulu” ithetha inkokheli yemveli ephezulu njengoko ichaziwe kwicandelo loku-1 loMthetho weNkqubo-sikhokelo;
- “isiThethi” sithetha isiThethi seNdlu yoWiso-Mthetho; 5
- “lo Mthetho” uquka nawuphi na ummiselo owenziwe phantsi kwecandelo lama-24;
- “ibhunga lemveli” lithetha ibhunga lemveli njengoko lichaziwe kwicandelo loku-1 loMthetho weNkqubo-siKhokelo; kwaye
- “inkokheli yemveli” ithetha inkokheli yemveli njengoko ichaziwe kwicandelo loku-1 loMthetho weNkqubo-siKhokelo. 10

Ukusekwa nexesha le-ofisi leNdlu

2. (1) Apha ke kusekwa indlu yeenkokheli zemveli eyaziwa ngokuba yiNdlu yeSizwe yeeNkokheli zeMveli. 15
- (2) Ixesha lokuhlala e-ofisini leNdlu yiminyaka emihlanu. 15
- (3) Ngaphandle kokupheliswa kweNdlu ngokwecandelo lama-21—
- (a) umntu ngamnye olilungu ngomhla wokupheliswa kwendlu uhlala elilungu lendlu;
- (b) INdlu ihlala ifanelekile ukuba isebenze; kwaye
- (c) UMphathiswa unokubizela iNdlu kwintlanganiso ekhethekileyo ukuba kwenziwe umsebenzi ongxamisekileyo, 20
- Kwithuba elilandela ukupheliswa okunjalo de ibe lusuku oluphambi kwintlanganiso yokuqala yeNdlu elandelayo.

UKwaxhiwa kwendlu

3. (1) INdlu yenziwe— 25
- (a) ngabantu abathathu abaziinkokheli zemveli eziphezulu ezonyulwe yindlu yephondo nganye: Ngaphandle kokuba xa kusenzelwa okuhle okanye ngenxa yokungoneli kwenani leenkokheli zemveli eziphezulu kwindlu yephondo, indlu yephondo enjalo inokukhetha isibonda esiyindoda okanye isibonda sowasetyhini. 30
- (b) apho kufanelekileyo, abantu abachongwe ngokwecandelwana (2).
- (2) Amagatya ecandelwana (1)(b) asebenza kuphela kwiimeko apho indlu yephondo iye ayasekwa, kwaye aya kuphunyezwa ngale ndlela ilandelayo—
- (a) Apho kukho khona amabhunga emveli angaphezulu kwesithathu enza imisebenzi yendlu yengingqi, oosihlalo bamabhunga anjalo kufuneka bonyule phakathi kwabo abameli abathathu beNdlu; okanye 35
- (b) apho kukho amathathu okanye inani elingezantsi lamabhunga emveli awenza imisebenzi yendlu yengingqi, usihlalo wamabhunga emveli anjalo kufuneka abe lilungu ngenxa yesikhundla sakhe kwiNdlu; okanye
- (c) apho kukho enye okanye ngaphezulu yezindlu zengingqi, iinkokheli zemveli eziphezulu kwiphondo kufuneka zonyule amalungu amathathu eNdlu phakathi kwazo. 40
- (3) Usihlalo webhunga lemveli okanye wendlu yengingqi ekubhekiselwe kuye kwicandelwana (2) kufuneka abe yinkokheli ephezulu yemveli, kwaye ukuba ngaba akayiyo inkokheli ephezulu yemveli ibhunga lemveli okanye indlu yengingqi ebandakanyekayo kufuneka ikhethe elinye ilungu eliyinkokheli yemveli ephezulu. 45
- (4) Isithathu samalungu eNdlu kufuneka sibe nabasetyhini: Ngaphandle kokuba uMphathiswa wonelisekile kukuba kukho inani elingonelanga labasetyhini abaza kuthabatha inxaxheba kwiNdlu kufuneka uMphathiswa, emva kokudibana neNkulumbuso yephondo ebandakanyekayo, amisele umqobo osezantsi. 50

Ukukhethwa kwamalungu eNdlu

4. (1) UMphathiswa kufuneka, kwiintsuku ezingama-30 phambi kokuphela kwexesha le-ofisi yendlu, acele iiNkulumbuso ukuba zixelele izindlu zamaphondo ukuba, ngokuxhomekeke kwicandelo 3, ziqhube unyulo lwamalungu aza kusebenza kwiNdlu. 55
- (2) Amalungu eNdlu yephondo aza kusebenza kwiNdlu kufuneka akhethwe, kwiintsuku ezingama-21 emva kokufunyanwa kwesaziso esivela kwiNkulumbuso ngokwecandelwana (1), ngamalungu aloo ndlu yephondo kwintlanganiso ebizelwe loo

(1), by members of that provincial house in a meeting called for that purpose and attended by at least two thirds of the members of the house concerned.

(3) The election proceedings must be conducted by the Premier or a person designated by the Premier of the province concerned, observed by officials of the House and the provincial department responsible for traditional affairs. 5

(4) An election contemplated in subsection (3) must be by secret ballot by members of the provincial house concerned in the same meeting where the nominations take place.

(5) Each provincial house must designate one of the members elected in terms of subsections (2), (3) and (4) as leader of the elected members. 10

(6) The Premier must submit to the Minister, in respect of every person elected, such person's—

- (a) acceptance of the election;
- (b) full name and surname;
- (c) identity number; and
- (d) contact details. 15

(7) In the event that a provincial house fails to elect one or more of its members to serve in the House, within the time limits referred to in subsection (2), the Premier must designate members of the provincial house concerned to serve in the House.

Qualification for membership of House

 20

5. No person is eligible to become a member of the House if that person—

- (a) is a member of a municipal council, a member of provincial legislature or a member of Parliament;
- (b) at the time of the election of members of the House, is serving a sentence of imprisonment; 25
- (c) is an unrehabilitated insolvent;
- (d) is of unsound mind and has been so declared by a competent court;
- (e) has been convicted of a criminal offence and sentenced to more than 12 months imprisonment without the option of a fine, either in the Republic or outside the Republic, if the conduct constituting the offence would have been an offence in the Republic, but no one may be regarded as having been sentenced until an appeal against the conviction or sentence has been determined or until the time for an appeal has expired: Provided that a disqualification under this paragraph ends five years after the sentence has been completed; 30 35
- (f) is not a South African citizen; or
- (g) is not permanently resident within the Republic.

Vacation of seats

6. The seat of a member of the House becomes vacant—

- (a) upon the death of a member; 40
- (b) if the member resigns by written notice;
- (c) if the member becomes disqualified in terms of section 5;
- (d) if the member becomes a full-time member of a municipal council, a member of a provincial legislature or a member of Parliament;
- (e) if a member is convicted of a criminal offence without the option of a fine; 45
- (f) if the member, without having obtained leave in accordance with the rules and orders, absents himself or herself from three consecutive meetings of the House;
- (g) if the member is removed from the House for breach of the code of conduct appearing in Schedule C; or 50
- (h) in the case of a member contemplated in section 3(1), if the member ceases to be a member of a provincial house that elected him or her, or ceases to be a chairperson or member of a local house, as the case may be.

Filling of vacancies

7. (1) Where a vacancy occurs in the House the Minister must, within 14 days, inform 55 the relevant Premier of such a vacancy.

njongo kwaye ekuze kuyo okungenani isibini esithathwini samalungu endlu ebandakanyekayo.

(3) Iinkqubo zolonyulo kufuneka ziqhutywe ngumntu owonyulwe yiNkulumbuso yePhondo elibandakanyekayo, ojongwe ngamagosa eNdlu kunye nesebe lephondo elijongene nemicimbi yezemveli. 5

(4) Naluphi na ulonyulo oluxelwe kwicandelwana lesi-(3) kufuneka lwenziwe ngendlela yamaphepha okuvota ayimfihlo yamalungu endlu yephondo elibandakanyekayo kwintlanganiso enye apho ulonyulo lwenziwe kuyo.

(5) Indlu nganye yephondo kufuneka yonyule elinye lamalunu ayo elikhethwe ngokwamacandelwana (2), (3) nele-(4) njengenkokheli yamalungu awonyuliweyo. 10

(6) INkulumbuso kufuneka ingenise kuMphathiswa, ngokunxulumene nomntu ngamnye owonyuliweyo, izinto zomntu ezifana—

- (a) nokwamkela kwakhe unyulo;
- (b) igama lakhe elipheleleyo nefani;
- (c) inombolo yesazisi; kunye 15
- (d) neenkukacha zoqhagamshelwano.

(7) Kwimeko yokuba indlu yephondo ingaphumeleleli ukukhetha elinye okanye amalungu ayo angaphezulu ukuba asebenze kwiNdlu, kwimida yamaxesha amiselweyo ekubhekiselwe kuwo kwicandelwana (2), iNkulumbuso kufuneka yonyule amalungu endlu yephondo elibandakanyekayo ukuba asebenze kwiNdlu. 20

Ukufanelekela ubuLungu beNdlu

5. Akukho mntu uya kufaneleka ukuba abe lilungu leNdlu ukuba loo mntu—

- (a) ulilungu lebhunga likamasipala, ilungu lendlu yoWiso-mthetho yephondo okanye liLungu lePalamente;
- (b) ngexesha lokonyulwa kwamalungu eNdlu, utsala isigwebo sokuvallelwa ejele; 25
- (c) akalungiseki ekungakwazini kwakhe ukuhlawula amatyala;
- (d) akagqibelelanga engqondweni kwaye uchazwe yinkundla efanelekileyo;
- (e) ubegwetyelwe ityala lolwaphulo-mthetho waze wagwetyelwa ukuvallelwa ngaphezulu kweenyanga ezili-12 ngaphandle kwendlela yesohlwayo, mhlawumbi kwiRiphabliki okanye ngaphandle kweRiphabliki, ukuba ngaba ukuziphatha okumisele ityala ibilityala kwiRiphabliki, kodwa akukho mntu uyakuthathwa ngokuba ugwetyiwe de sibe isibheni esichasene nokuvallelwa okanye nesigwebo simiselwe okanye de libe ixesha lesibheni liphelile: Ngaphandle kokuba unqunyanyiso oluphantsi kwalo mhlathi luphele kwiminyaka emihlanu esemva kokuba isigwebo sigqityiwe; 30 35
- (f) ayingommi woMzantsi Afrika; okanye
- (g) akangomhlali osisigxina kwiRiphabliki.

Ukuphuma kwizihlalo

6. Isihlalo selungu leNdlu siye singabinamntu—

- (a) ekuswelekeni kwelungu; 40
- (b) ukuba ilungu liyarhoxa ngesaziso esibhalwe phantsi;
- (c) ukuba ilungu liyanqunyanyiswa ngokwemigqaliselo yecandelo lesi-5;
- (d) ukuba ilungu liba lilungu elisisigxina lebhunga likamasipala, ilungu lendlu yoWiso-mthetho yephondo okanye ilungu lePalamente;
- (e) ukuba ilungu livalelelwa ityala lolwaphulo-mthetho ngaphandle kokhetho lwesohlwayo; 45
- (f) ukuba ngaba ilungu, ngaphandle kokufumana ikhefu elingqinelana nemithetho nemiyalelo, liye lingabikho kwiintlanganiso zeNdlu ezintathu ezilandelelanayo;
- (g) ukuba ilungu liyasuswa kwiNdlu ngenxa yokophula ikhowudi yokuziphatha evela kwiShedyuli C; okanye 50
- (h) kwimeko yelungu elicamngcwe kwicandelo 3(1), liyayeka ukuba lilungu lendlu yephondo elimkhethileyo, okanye liyayeka ukuba ngusihlalo okanye ilungu lendlu yengingqi, njengoko imeko inokuba njalo.

Ukugcwaliswa kwezithuba

55

7. (1) Apho kuvuleka khona isithuba kwiNdlu kufuneka uMphathiswa, kwiintsuku ezili-14, azise iNkulumbuso ebandakanyekayo ngesithuba esinjalo.

(2) A vacancy in the House must be filled, within 45 days, by the election of a member for the unexpired portion of the term of office of the member in whose place he or she is elected, and in the same manner in which the previous member was elected.

(3) A vacancy must be filled in accordance with sections 3 and 4.

Seat and meetings of House

5

8. (1)(a) The first meeting of the House after its constitution in terms of sections 3 and 4 must take place at a time determined by the Secretary and at the seat of the House.

(b) The President or a person designated by him or her must address the annual official opening of the House.

(2) Ordinary meetings of the House may take place at the seat of the House at the date and time determined by the Secretary in consultation with the Chairperson. 10

(3) Special meetings must be held at a time and place determined by the Executive Committee of the House or, if authorised thereto by the Executive Committee of the House, by the Chairperson of the House: Provided that the Minister may at any time summon the House to an extraordinary meeting for the dispatch of urgent business. 15

(4) The House must meet at least once in every quarter during the sitting of Parliament.

(5) The administrative seat of the House is located at the same place where the head office of the Department is located, and meetings of the House may take place either in the administrative seat or at the seat of Parliament. 20

(6) The quorum for meetings of the House is fifty-one per cent of the total membership of the House.

(7) The decisions of the House must be taken by consensus, or where a vote is taken, subject to subsection (6), two thirds of the members present and voting in the meeting.

Chairperson and deputy chairperson of House

25

9. (1) At its first meeting after it has been constituted in terms of this Act, the House with the President or any person designated by the President presiding, must elect one of its members to be the chairperson, and must thereafter elect another of its members to be the deputy chairperson.

(2) The chairperson is vested with all powers and functions assigned to a chairperson in terms of this Act and the rules and orders of the House. 30

(3) The chairperson presides over meetings of the House.

(4) If the chairperson is absent or for any reason unable to exercise or perform the powers or functions vested in the office of the chairperson, or when the office of the chairperson is vacant, the deputy chairperson must act as chairperson during the chairperson's absence or inability or until a chairperson is elected. 35

(5) If both the chairperson and the deputy chairperson are absent, a member of the House designated in terms of the rules and orders of the House must act as chairperson while the said circumstances prevail.

(6) The deputy chairperson or the member designated in terms of this Act, while acting as a chairperson, may exercise the powers and must perform the functions vested in the office of the chairperson. 40

(7) While presiding at a meeting of the House a member of the House designated as a chairperson has a deliberative vote as well as a casting vote in the case of an equality of votes. 45

(8) The chairperson or deputy chairperson must vacate office if he or she—

(a) ceases to be a member of the provincial house which elected him or her;

(b) resigns by lodging a written letter of resignation with the House;

(c) is convicted of a criminal offence without the option of a fine; or

(d) becomes disqualified in terms of section 5. 50

(9) A chairperson or a deputy chairperson may be removed from office by the House, by a vote supported by a two thirds majority of the full complement of the membership of the House, and thereupon such chairperson or deputy chairperson must vacate his or her office.

(2) Isithuba kwiNdlu kufuneka sigcwaliswe, kwiintsuku ezingama-45, ngokonyulwa kwelungu kwixesha elingekapheli le-ofisi lelungu elikhethwa endaweni yalo, kunye nangendlela efanayo naleyo ilungu langaphambili elakhethwa ngayo.

(3) Isithuba masigcwaliswe ngokungqinelana namacandelo 3 nelesi-4.

Ukuhlala neentlanganiso zeNdlu

5

8. (1) (a) Intlanganiso yokuqala yeNdlu emva kokusekwa kwayo ngokwemigqaliselo yamacandelo 3 nelesi-4 kufuneka ibanjwe ngexesha elimiselwa nguNobhala kunye nakwisihlalo seNdlu.

(b) UMongameli okanye umntu owonyulwe nguye kufuneka anike intetho yonyaka esemthethweni yokuvulwa kwendlu.

10

(2) Iintlanganiso eziqhelekileyo zeNdlu zinokuqhutywa ekuhlalweni kweNdlu ngomhla kunye nexesha elimiselwe nguNobhala edibene noSihlalo.

(3) Iintlanganiso ezikhethekileyo kufuneka zibanjwe ngexesha kunye nendawo elimiselwe yiKomiti yesiGqeba yeNdlu, ukuba ngaba kugunyazisiwe yiKomiti yesiGqeba yeNdlu, nguSihlalo weNdlu okanye: Ngaphandle kokuba uMphathiswa nangalo naliphi na ixesha unokubizela iNdlu kwintlanganiso engaqhelekanga ukuze kuqhutywe umsebenzi ongxamisekileyo.

15

(4) Indlu mayidibane okungenani kanye ngekota ngexesha lokuhlala kwePalamente.

(5) Ulawulo lokuhlala kweNdlu kubekwe kwindawo enye apho undlunkulu weSebe akhoyo; kwaye iintlanganiso zeNdlu zinokuqhuba xa kuchotshelwe ulawulo okanye xa iPalamente ihleli.

20

(6) Inani elivumelekileyo lokubanjwa kweentlanganiso zeNdlu ziipresenti ezingamashumi amahlanu ananye zobulungu buphelele bendlu.

(7) Izigqibo zeNdlu mazithathwe ngokuvumelana okwaneleyo, okanye apho ivoti ithathwayo, ngokuxhomekeke kwicandelwana (6), isibini samalungu akhoyo kwaye avotayo entlanganisweni.

25

USihlalo noSekela-sihlalo weNdlu

9. (1) Kwintlanganiso yayo yokuqala emva kokuba ibiziwe ngokwemigqaliselo yalo Mthetho, iNdlu kunye noMongameli okanye nawuphi na umntu owonyuliweyo nguMongameli ochopheleyo, kufuneka onyule elinye lamalungu ayo ukuba abe ngusihlalo, kwaye kufuneka emva koko onyule elinye kumalungu ayo ukuba abe ngusekela-sihlalo.

30

(2) Usihlalo unikwe onke amagunya nemisebenzi enikwa usihlalo ngokwemigqaliselo yalo Mthetho kunye nemithetho nemiyalelo yeNdlu.

(3) Usihlalo uchophela iintlanganiso zeNdlu.

35

(4) Ukuba ngaba akekho usihlalo okanye ngaso nasiphi na isizathu akakwazi ukusebenzisa amagunya akhe okanye imisebenzi enikwe i-ofisi kasihlalo, okanye xa i-ofisi kasihlalo ingenamntu, usekela-sihlalo kufuneka asebenze njengosihlalo ngexesha lokungabikho kukasihlalo okanye ukungabi nako kwakhe okanye de abe uyonyulwa usihlalo.

40

(5) ukuba ngaba abekho bobabini usihlalo kunye nosekela-sihlalo, ilungu leNdlu elonyulwe ngokwemigqaliselo yemithetho nemiyalelo yeNdlu kufuneka lisebenze njengosihlalo ngeli lixa iimeko ekuthethwa ngazo zisekhona,

(6) Usekela-sihlalo okanye ilungu elonyulwe ngokwemigqaliselo yalo Mthetho ngeli lixa libambe njengosihlalo, linokusebenzisa amagunya kwaye kufuneka lenze imisebenzi ebekwe kwi-ofisi kasihlalo.

45

(7) Ngelixa lichophele intlanganiso yeNdlu ilungu leNdlu elonyulwe njengosihlalo linevoti yeengxoxo ngokunjalo nokufaka ivoti ekulinganeni kweevoti.

(8) Usihlalo okanye usekela-sihlalo kufuneka aphume e-ofisini ukuba—

(a) uyayeka ukuba lilungu lendlu yephondo emkhethileyo;

50

(b) uyarhoxa ngokungenisa ileta ebhaliweyo yokurhoxa kwiNdlu;

(c) ugwetyelwa ityala lolwaphulo-mthetho kungekho khetho lwasohlwayo; okanye

(d) uyanqunyanyiswa ngokwemiqathango yecandelo lesi-5.

(9) Usihlalo okanye usekela-sihlalo unokuswa e-ofisini yeNdlu, ngevoti exhaswa sisininzi sesibini esithathwini sobulungu obupheleleyo beNdlu kwaye ngaphaya koko usihlalo okanye usekela-sihlalo onjalo kufuneka aphume e-ofisini yakhe.

55

Act No. 22, 2009

NATIONAL HOUSE OF
TRADITIONAL LEADERS ACT, 2009

(10) If the office of the chairperson becomes vacant, the President or a person designated by the President, must preside over the election of a member of the House to fill the vacancy.

(11) If the office of the deputy chairperson becomes vacant, the chairperson must preside over the election of a member to fill the vacancy. 5

(12) If the offices of the chairperson and deputy chairperson of the House become vacant, the House, with the Minister or a person designated by the Minister presiding, must elect a member of the House to fill the vacancy.

(13) A chairperson or deputy chairperson is eligible for re-election: Provided that no member may serve as a chairperson or deputy chairperson of the House for more than two consecutive terms. 10

Status of members of House

10. (1) The chairperson and deputy chairperson shall be full-time members of the House.

(2) The President may, after consultation with the House, determine that, subject to subsection (1), certain members are full-time members of the House. 15

Powers and duties of House

11. (1) The powers and duties of the House are—

(a) to cooperate with the provincial houses of traditional leaders, to promote—
(i) the role of traditional leadership within a democratic constitutional dispensation; 20

(ii) nation building;

(iii) peace, stability and cohesiveness of communities;

(iv) the preservation of the moral fibre and regeneration of society;

(v) the preservation of the culture and traditions of communities; 25

(vi) socio-economic development and service delivery;

(vii) the social well-being and welfare of communities; and

(viii) the transformation and adaptation of customary law and custom so as to comply with the provisions of the Bill of Rights in the Constitution, in particular by— 30

(aa) preventing unfair discrimination;

(bb) promoting equality; and

(cc) seeking to progressively advance gender representation in the succession to traditional leadership positions; and

(b) to enhance co-operation between the House and the various provincial houses with a view to addressing matters of common interest. 35

(2) The House—

(a) must consider Parliamentary Bills referred to it by the Secretary to Parliament in terms of section 18 of the Framework Act;

(b) may advise the national government and make recommendations relating to any of the following: 40

(i) Matters relating to policy and legislation regarding traditional leadership;

(ii) the role of traditional leaders;

(iii) customary law; and 45

(iv) the customs of communities observing a system of customary law;

(c) may investigate and make available information on traditional leadership, traditional communities, customary law and customs;

(d) must, at the request of a member of National Cabinet, advise him or her in connection with any matter referred to in this section; 50

(e) must be consulted on national government development programmes that affect traditional communities;

(f) must complement and support the work of government at national level;

(g) must form cooperative relations and partnerships with government at national level in development and service delivery; 55

(10) Ukuba ngaba ayibi namntu i-ofisi kasihlalo, uMongameli okanye umntu owonyulwe nguMongameli, kufuneka achophele ukonyulwa kwelungu leNdlu ukuba ligcwalise isithuba.

(11) Ukuba i-ofisi kasekela-sihlalo iye ingabi namntu, usihlalo kufuneka achophele ulonyulo lwelungu eliza kugcwalisa isithuba. 5

(12) Ukuba ngaba ii-ofisi zikasihlalo kunye nosekela-sihlalo weNdlu azibi namntu, iNdlu, kunye noMphathiswa okanye umntu owonyulwe nguMphathiswa ochopheleyo, kufuneka onyule ilungu leNdlu ukuba ligcwalise isithuba.

(13) Usihlalo okanye usekela-sihlalo balufanele ulonyulo kwakhona. Ngaphandle kokuba akukho lungu emalisebenze njengosihlalo okanye usekela-sihlalo weNdlu 10 ngaphezulu kwamaxesha amabini alandelelanayo.

ISimo samalungu eNdlu

10. (1) Usihlalo kunye noSekela-sihlalo baya kuba ngamalungu asisigxina eNdlu.

(2) UMongameli, emva kokudibana neNdlu, unokumisela ukuba, ngokuxhomekeke kwicandelwana (1) amalungu athile angamalungu asisigxina eNdlu. 15

Amagunya kunye nemisebenzi yeNdlu

11. (1) Amagunya nemisebenzi yeNdlu yile—

(a) ukusebenza nezindlu zamaphondo zeenkokheli zemveli; ukuphakamisa—
(i) indima yobunkokheli bemveli kwinkululeko yomgaqo-siseko wedemokhrasi; 20

(ii) ukwakha isizwe;

(iii) uxolo, uzinzo, kunye nokunamathelana koluntu;

(iv) ulondolozo kokulungileyo kunye nokuvuselelwa ngokutsha kwentlalo;

(v) ulondolozo lwenkcubeko namasiko oluntu;

(vi) uphuhliso lwentlalo-qoqosho kunye nonikezelo lweenkonzo; kunye 25

(vii) nokuphila ngokwasentlalweni nentlalontle yoluntu; kunye

(viii) notshintsho nolwamkelo lomthetho womtshato nezithethe zesintu ukuze oko kuthobele amagatya oMqulu wamaLungelo kuMgaqo-siseko, ingakumbi ngoku—

- (aa) thintela ucalulo olungafanelekanga; 30

(bb) phakamisa ulingano; kunye

(cc) nokufuna ukuqhubekisela phambili umelo ngokwesini xa kungenwa kwizikhundla zobunkokheli bemveli; kunye

(b) nokonyusa intsebenziswano phakathi kweNdlu kunye nezindlu zamaphondo ezohlukeneyo ngombono wokulungisa imicimbi eneenjongo ezifanayo. 35

(2) INdlu—

(a) kufuneka ithathele ingqalelo iMithetho eyilwayo yasePalamente esiwe kuyo nguNobhala wePalamente ngokwemigqaliselo yecandelo 18 loMthetho weNkqubo-sikhokelo;

(b) inokucebisa urhulumente wesizwe kwaye yenze izindululo ezinxulumene nayo nayiphi na kwezi zilandelayo: 40

(i) imicimbi enxulumene nomgaqo-nkqubo nomthetho ophathelene nobunkokheli bemveli;

(ii) indima yeenkokheli zemveli;

(iii) umthetho wesintu; kunye 45

(iv) nezithethe zoluntu ezithobela indlela yoMthetho wesintu;

(c) inokuphanda kwaye yenze kufumaneka ulwazi kubunkokheli bemveli, uluntu lwemveli, uMthetho nezithethe zesintu;

(d) kufuneka, ngesicelo selungu leKhabhinethi yeSizwe, icebise ngokunxulumene nawo nawuphi na umcimbi ekubhekiselwe kuwo kweli candelo; 50

(e) kufuneka kudityanwe nayo kwiinkqubo zophuhliso zikarhulumente wesizwe ezichaphazela uluntu lwemveli;

(f) kufuneka iphakamise kwaye ixhase umsebenzi karhulumente kumgangatho wesizwe; 55

(g) kufuneka yenze unxulumano lwentsebenziswano kunye nolwahlulelwano norhulumente kumgangatho wesizwe wofezekiso lophuhliso nofezekiso lwezithembiso;

Act No. 22, 2009

NATIONAL HOUSE OF
TRADITIONAL LEADERS ACT, 2009

- (h) may participate in international and national programmes geared towards the development of rural communities;
- (i) may participate in national initiatives meant to monitor, review and evaluate government programmes in rural communities; and
- (j) must perform tasks as may be determined by a member of the national Cabinet or as may be provided for in national legislation. 5

Administration of House

12. (1) The Minister must, with the approval of the House and subject to the laws governing the public service, second as many staff from the Department as he or she considers necessary, to discharge the work of the House. 10

(2) The Minister must, in terms of the laws governing the public service and with the approval of the House, appoint a person as Secretary to the House, who must—

- (a) exercise or perform the powers and functions conferred upon or assigned to the Secretary by this Act and the rules and orders; and
- (b) subject to the directions of the House, perform such work as is incidental to the exercise or performance by the House of its powers and functions. 15

(3) The Secretary must be supported in the exercise or performance of his or her powers and functions by officers of the Department designated in terms of subsection (1) for that purpose.

Responsibilities of House 20

13. The House must—

- (a) keep proper records;
- (b) have its financial statements audited annually by the Auditor-General;
- (c) in addition to quarterly meetings, hold an annual meeting with provincial houses to give account of the activities and finances of the House; 25
- (d) enforce the Code of Conduct provided for in Schedule C;
- (e) establish clear relationships with, and facilitate co-operation and communication between itself and provincial houses as well as between provincial houses;
- (f) hold the Secretary of the House accountable for the overall performance and administration of the House; 30
- (g) maximise the efficiency of communication and decision-making within the administration of the House;
- (h) assign clear responsibilities for the management and co-ordination of the administration of the House; 35
- (i) involve the Secretary of the House in decisions impacting on the overall management of the House, as far as is practicable;
- (j) promote an equitable, fair, open, non-discriminatory and supportive environment for all provincial houses; and
- (k) provide an equitable, fair, open, non-discriminatory and supportive environment for the House. 40

Relationship between House and kings and queens

14. The House must, on a biannual basis, hold a meeting with all kings and queens in the country to discuss—

- (a) the activities and programmes of the House; 45
- (b) matters of interest to kings and queens;
- (c) matters relating to service delivery and development of traditional communities; and
- (d) any other business identified and proposed by either party and agreed to by both parties. 50

NGUMTHETHO WENDLU YEENKOKHELI
ZEMVELI YESIZWE, 2009

Act No. 22, 2009

- (h) inokuthatha inxaxheba kwiinkqubo zamazwe ngamazwe nezesizwe ezenzelwe ukuphuhlisa uluntu lwasemaphandleni;
- (i) inokuthatha inxaxheba kumaphulo esizwe enzelwe ukujonga, ukuphengulula ngokubanzi kunye nokuhlola iinkqubo zikarhulumente kuluntu lwasemaphandleni; kwaye
- (j) kufuneka yenze imisebenzi njengoko inokumiselwa lilungu leKhabhinethi yesizwe okanye njengoko kunokubonelelwa ngumthetho wesizwe.

ULawulo lweNdlu

12. (1) UMphathiswa kufuneka, ngemvume yeNdlu kwaye ngokuxhomekeke kwimithetho elawula iNkonzo kaRhulumente, ase abasebenzi ngobuninzi babo abavela kwiSebe njengoko ecingela ukuba kuyimfuneko, ukuba bakhuphe umsebenzi weNdlu.

(2) UMphathiswa kufuneka, ngokwemigqaliselo yemithetho elawula iNkonzo kaRhulumente kunye nokuvuma kweNdlu, onyule umntu njengoNobhala kwiNdlu, ekufuneka—

- (a) asebenzise okanye enze amagunya kunye nemisebenzi ebekwe okanye eyabelwe uNobhala ngulo Mthetho kunye nemithetho nemiyalelo; kwaye
- (b) ngokuxhomekeke kwimiyalelo yeNdlu, ukwenza umsebenzi onjalo njengokuba uhamba nomsebenzi okanye ukusebenza kwendlu kumagunya nakwimisebenzi yayo.

(3) UNobhala kufuneka axhaswe ekusebenziseni nasekwenzeni amagunya nemisebenzi ngamagosa eSebe onyulwe ngokwemigqaliselo yecandelwana (1) ngaloo njongo.

IiMfanelo zeNdlu

13. INdlu kufuneka—

- (a) igcine iirekhodi ezifanelekileyo;
- (b) izitadimenti zayo zemali ziphicothwe ngonyaka nguMphicothi-zincwadi Jikelele;
